Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

DISEMBA 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

USodolophu neMinqweno emihle ngeXesha leziyungum zokuphela konyaka

nguCebakhulu uRudolph Smith

Ndithi, xesha elimnandi!!! Kubahlali baseOverstrand ngokubanzi nakwiindwendwe zethu ezisuka kwiindawo ngeendawo.

Ndiyanibulela ngokuchonga iOverstrand njengendawo ekholisekileyo kuni ukuba nichithele kuyo iiholide zokuphela konyaka. Sinemihlali kwaye siyazingca ngolwamkeleko lwenu kummandla weenkonzo zethu kwaye sinethemba lokuba niza konwaba ngendlela eningasoze niyilibale.

Unyaka wama-2017 ukhawuleze wadlula ngoko ke, xa siza kucinga ngamahla ndinyuke esithe sahlanagana nawo enyakeni kufuneka sikhokelise ithemba. Iingxaki zokuphila ziyasigubungela singaboni apho siya khona. Loo nto ithetha ukuba eli lixesha lokuba sicinge kakuhle ukuba siye sagaxeleka njani na kwezi ngxaki, ze sadlula njani ukuze sihlale sinethemba, sisazi kananjalo kuba umntu uyaphumelela ngendlela angayaziyo kubomi esibuphilayo.

Ngezi ntsuku zeKrismesi masibenoxolo ezintliziyweni zethu, sibe ngamathanda Zwe amnqwenelela ubuhle omnye umntu.

Ngumnqweno wam ukuba umqondiso wethemba obonakaliswa ngokubhiyozela umhla wokuzalwa koMsindisi ungabonakala kwindlela esiza kuqala ngayo unyaka omtsha. Masikholwe kulowo unokusikhokela singakhubeki, sithembe ukhanyiselo lwaseNyangweni ukuze sibambelele kwinkolo yokuba ubomi buyokozela inkqubela phambili namathamsanqa.

Xa siza kuchitha ixesha nosapho, izihlobo nabo basenyongweni kufuneka sibenombulelo ngobomi bethu ngokuthi sibhiyoze ngendlela efanelekileyo. Kwabo baza kuqhuba ezindleleni betyelela kwiindawo ezikude kwezi holide zokuphela konyaka, mabasabele ikhwelo lokuba bagcine ukulandelana kweenqwelomafutha ngesithuba esikhuselekileyo, qhuba ngenkathalo ze "Ufike Uphila".

Egameni looCeba kunye nestafu sikaMasipala waseOverstrand ndinqwenelela nina neentsapho zenu ukhuseleko nolonwabo, iKrismesi emyoli nonyaka ka-2018 oyokozela amathamsanqa.

IZITAKISINTLANTSI AZIVUMELEKANGA E-OVERSTRAND

UMasipala waseOverstrand unqwenela ukwazisa abahlali neendwendwe ukuba ukuqhushumbisa izitakisantlantsi nakuyiphi na indawo (kuquka emzini wakho) akuvumelekanga nanini eOverstrand ingakumbi ngesaNdulela soNyaka oMtsha!

Kwiminyaka engaphambili kwakukho iindawo ezazibekelwe ukuqhushumbisa izitakisa-ntlantsi ngeSandulela soNyaka oMtsha phakathi kweeyure 23:00 neyo-01:00. Koko ngenxa yomngcipheko omkhulu wemililo nokusebenza kwemiqathango yokulawula ukusetyenziswa kwamanzi ngokusemthethweni iingxaki ziye zanda.

Kananjalo sinqwenela ukubongoza abahlali neendwendwe ukuba bangazisebenzisi izinto ezibizwa ngokuba zii-'Chinese lanterns' njengoko ezi zinto zidala umngcipheko womlilo. UNational Sea Rescue Institute (NSRI) naye ubongoza abantu ukuba bangazisebenzisi iilanteni zasesibhakabhakeni njengoko zibhabha zbhabhe zisuke ziye kuwela elwandle kunikwe ingxelo yomlilo oselwandle nto leyo ekhokelela ekuhlatyweni komkhosi ochitha ixesha lohlangulo elwandle. Ukuqhushunjiswa kwefire crackers okanye izibane zokubhiyoza nazo azivumelekanga ngokwemithethwana kaMasipala echaphazela oku.

Masibambisaneni ukwenzela ukuba imibhiyozo yexesha lokuphela konyaka ikhuseleke ibe mnandi kuthi sonke.

• Naziphi na izicelo ezizodwa zemiboniso eyenziwa phantsi kweliso lolawulo okanye ezinye izicelo bazithunyelwe kwi-Chief Fire Officer ku-028 313 5014 ngexesha lomsebenzi isicelo sithunyelwe iintsuku ezili-14 phambi komboniso lowo.

Ngeli xesha leeholide zokuphela konyaka, iBhulethini iza kubakhumbuza rhoqo abafundi bayo ukuba bahlale bephaphile xa bekufutshane neendawo ezinomlilo kwaye iza kubanika amacebo akhawulezayo okuthintela ukuba abantu bangaphulukani nobomi babo bafumane nokutshelwa yimpahla ngexesha lokuqhambuka komlilo. Masiyitshaye iqhuma ngokuthi sicaphule ingcebiso ekhutshwa nguRhulumente wePhondo leNtshona Koloni:

MASIHLALE **SIXHOBILE** LUNGEKAFIKI UTSHABA

Abanini-mhlaba, ngakumbi abo banamashishini kwezokhenketho nokwamkela iindwendwe kummandla othandwa yimililo yamadlelo, kufuneka baqiniseke ukuba iindwendwe nabasebenzi babo babarhangqela ngokhuseleko olulodwa. Naziphi na izicwangciso ezihlelwe ngobugcisa kufuneka zibandakanye la mabakala alandelayo:

- **Ukuqonda**
  Imililo edaleka ngokungeyomfuneko iqikelelwa kuma-90% kwaye kusolwa abantu ngayo. Kubalulekile ukuba siqonde ukuba ezi ngozi zenzeka ndawoni, ngaliphi na ixesha.
- **Ukuthintela**
  Imfundo nokusetyenziswa kweenkqubo eziphucukileyo zokulawula ziziphathamandla zingayimfuneko ekuthinteleni ukuqhambuka kwemililo.
- **Ukulungela**
  Eyona ndlela yokulungela unongekehli kukuthobela imiqathango esekwe phantsi koMthetho weMililo yaMahlathi, nokwenza ibala elibanzi elicanda ihlathi lokunqanda umlilo likwisimo esigcii nakalayo nokubhalisa ube lilungu leFire Prevention Association kummandla okuwo kungenjalo uzivulele umbutho ololu hlobo.

Xa kunokwenzeka ukuba ufune uncedo malunga nobugcisa bokuzenzela esakho isicwangciso sokuthintela ukuqhambuka komlilo, qhagamshelana noMphathi oPhezulu kwiZiko leziCimamlilo, uLester Smith, kule nombolo 028 313 5041 okanye ngale imeyile www.overstrand.gov.za

AMAGOSA ASEYUNIFOMINI ANIKWE IMBEKO KWINKONZO YOKUBULELA

NgeCawe umhla **wama-29 Okthobha 2017** iqela elikhulu labantu liqokelelene kwiZiko iThusong eHawston ukuwonga nokubhiyozela amalungu anxiba iyunifomu aseOverstrand. Kwababeze kuzimasa lo msitho ibinguMphathiswa waseNtshona Kapa woPhuhliso noYilo lokuSingqongileyo uAnton Bredell no Sodolophu waseOverstrand uCebakhulu uRudolph Smith. Abanye abebekho ibingooceba baseOverstrand neqela labefundisi, uSAPS, uSA Navy, amagosa karhulumente nakamasipala noluntu ngokubanzi.

Umngcelele wenziwe ngoonozikhakana baseHawston nabaseAtlantis, abezokhuselo baseOverstrand neSA Navy neSAPS baqhwatyelwe ngabahlali abangenelele kulo mngcelele ojikele izitrato zaseHawston. KwiZiko iThusong uMphathiswa uBredell, uSodolophu uSmith noMphathi kaMasipala uGroenewald bakhahlele kulo mngcelele kwalandela 'ukuhlolwa komkhosi'.

Lo msitho uye wavulwa ke ngokusesikweni ngomthandazo nguMfundisi uCharlie Matinka waza uCeba weWadi 3 uKari Brice wamkela wonke umntu ngokushushu.

Umyalezo omnye ofanayo wombulelo kwabo bakwezokhuselo ngegalelo labo kukhuselo nokhuseleko ubuqaqambile kwimiyalezo yeminqweno emihle eyenziwe zizithethi ngezithethi. USodolophu uSmith woleke kule miyalezo wathi, "Masiwancede amagosa ethu ezomthetho asoloko ebeke ubomi bawo esichengeni ngokuwahlonipha nangokuwaxhasa; singayithathe njengento encinci into ayenzayo yokusikhusela."

I-Hawston Cadette Squad yenze indesheni inika imbeko kuMphathiswa uAnton Bredell (owokuqala ekhohlo), uSodolophu uRudolph Smith (owesibini ekhohlo) noMphathi kaMasipala Coenie Groenewald (owokuqala ekunene) isigqeba "Inspection of the Troops", bekhokelwa nguMphathi waseOverstrand weeNkonzo zoKhuselo, uNeville Michaels (onxibe isuti emaroon). Abakunye nee-cadette ngabaphathi babo neenkokheli sendesheni, uMkhosi waManzi W/O Noel Dreyer (ongaphambili onxibe iyunifom emhlophe), ekunye nodla umhlalaphantsi uSA Army Rifleman Irvin Sauls.

"Amalungu eNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika neqela looceba (ekhohlo), abaPhathi bakaMasipala namaGosa kaRhulumente bakhahlela ngembeko ngethuba kuvunywa umhobe wesizwe kwinkonzo yokubulela yabasebenza benxibe iyunifom ebibanjwe kwiZiko iThusong eHawston ngomhla wama-20 kweyeDwarha 2017. Aba baquka uMphathiswa weNtshona Kapa woPhuhliso noYilo lokuSingqongileyo uAnton Bredell, uSodolophu waseOverstrand, ooCeba uArnie Africa, uDavid botha, uElnora Gillion, uChristine May noFanie Krige - abanye babo."

Lo myalezo uvakele ngokucacileyo kwintetho kaMphathiswa uBredell othe, "Ndinombulelo ongazenzisiyo kumadoda nabafazi abakwiyunifomu abakhonza uluntu lwethu ngendlela egqibeleleyo. Umsebenzi wethu noxanduva lwethu kukuqinisekisa ukuba bafumana inkxaso noqeqesho olufunekayo ukuphucula ukusebenza kwabo kakuhle."

"Kodwa masingalibali ukubulela iintsapho zabo abancama konke ukwenzela ukuba silale kakuhle ebusuku. La magosa enza konke anakho ukukwenza ukusikhusela ngako oko masenze konke esinokukwenza ukuwaxhasa," ukhuthaze watsho uMphathiswa.

Indlela efanelekileyo yokuvala lo msitho ochulumancisayo ibe kukuculwa kwengoma, "In the Shadow of your wings, I know I am safe".

I-Overstrand inciphisa izityalo zaseSandbaai eziphelelwe lixesha nezingasalufumaniyo ulondolozo nesezikhule zagqithisa ngokuzitshisa kulandelwa uhlelo olucwangciswe ngobugcisa

NgoLwesine umhla **wesi-5 kuOktobha 2017**, abaPhathi kuLawulo lokuqhambuka kweMililo nokuhla kweNtlekele eOverstrand ngentsebenziswano neNkonzo yokuSingqongileyo eOverstrand, baqalisa inkqubo yokunciphisa izityalo ezikhule zagqithisa, zaphelelwa nalixesha kummandla waseSandbaai. Injongo yayi kukunqanda imililo yamadlelo nokuphucula ubomi bezilwanyana nezityalo eziphila kubumelwane balendawo ixhalabisayo.

Le ndawo ichongelwe ukuba itshiswe ngokulandela olu hlelo ibixhomekeke kwixesha lonyaka nemozulu, iphantsi kwemeko edala ukuba kutshe ibala elibanzi elicanda ihlathi ukuze umlilo unqandeke.

Ukhuseleko ekuqhambukeni komlilo yinto ebaluleke kakhulu kwiimeko ezilolu hlobo kwaye apho kuthe kwayimfuneko, le nkqubo iza kufakelwa isihlomelo ukuze iimeko zokugcina ukhuseleko zingaphazamiseki. Oku kuthetha into yokuba olu tshiso lubekelwe imiqathango ngolu hlobo lwaluhlolwe ngenkathalo yikomiti eyayidityanelwe ngabaPhathi kuLawulo lokuqhambuka kweMililo nokuhla kweNtlekele eOverstrand neNkonzo yokuSingqongileyo eOverstrand.

Zonke izixhobo zokusebenza zabekwa phantsi kolawulo lwe-Incident Commander. Le Incident Command System (i-ICS) yindlela yokuphatha esemgangathweni, elawula yenze ukusabela ngobungxamo ngendlela elungelanisiweyo, ithezela ndawonye ii-arhente ezisabela ikhwelo ukuze umsebenzi wenziwe ngendlela echanekileyo.

I-fynbos efumaneka kwiindawo ezigudle unxweme inencindi eyongezelekileyo, into ethetha ukuba imililo emikhulu ayilindelekanga. Amaqela ombutho oyiWorking on Fire (i-WOF) aye eyinxalenye yale nkqubo ayohluke kubini; isebe lokuqala lohlulelwa umsebenzi wokuba litshise ukuqalela ekusitheleni empuma kuse kwicala elivela umoya phezulu ngasentshona, enye iyunithi yaqhubeka ngomsebenzi wale nkqubo kwicala elingezantsi.

Kwiimeko ezilolu hlobo, zonke iindlela ezijikeleze le ndawo azisetyenziswa ngexesha umsebenzi wokutshisa uqhubeka ze emva kweeyure ezingama-48 kuvunyelwe kuphela abahlali abachatshazelwa lolu tshiso kule ndawo ukuba bangangena kulo mmandla.

Amanqaku ngokhuseleko elwandle

Kutsha nje **ISILUMKISO** ngebubu lee "Portuguese man o' war" okanye iiBlue Bottles ezityekezwe lulwandle kumanxweme ethu sichaza ezi zinto njengezilwanyana ezinolwamvila ezinokuthi mvi kabuhlungu naxa sele zifile na kakade. Abantu ababamba benganxibanga zihlangu nabaqubha elwandle kufuneka balumke, ngakumbi kummandla waseHermanus. Uyayazi na indlela enconywayo yokuphelisa iiingqaqambo zokuhlatywa lulwamvila lebottle jellyfish? Okanye into onokuyenza xa unokuzibhaqa udada kwindawo enazo ze ugutyungelwe zizo?

Khumbula la manqaku alishumi ukuze wena nosapho nikhuseleke elwandle kwezi holide zehlobo.

1. Ngamaxesha onke qubha phakathi kweflegi emthubi nebomvu: Ngamaxesha onke qubha okanye utyibilize ngeplanga phezu kwamanzi kwiindawo eneentlambi ezilinda abantu abaqubhayo. Iflegi emthubi nebomvu zibonisa apho kukho inkonzo yeentlambi ezilinda abantu abaqubhayo, nokuba le ndawo yeyona ikhuselekileyo kubantu abaqubhayo.

2. Funda imiyalelo yokhuseleko: Phambi kokuba uye elwandle funda iimpawu ezithetha ngokhuseleko kuqala. Ngale ndlela uza kubanolwazi ngazo zonke izilumkiso elwandle, njengemisinga enobungozi neeblue bottles jellyfish.

3. Qubha ndawonye nomhlobo wakho: Ukuze ungazibhaqi usengxakini yokumka anamanzi qubha nomhlobo wakho ngalo lonke ixesha okanye ilungu losapho ukuze omnye agade omnye. Ukuba ufuna uncedo lentlambi elinda abantu abaqubha elwandle phakamisela ingalo yakho phezulu emoyeni uyise (ngapha uphinde uyise ngapha) macala omabini. Lala ngomqolo phezu kwamanzi uhambise nomsinga ukuze kugcinakale amandla akho, emva koko uzole..

4. Ulwamvila lweBlue bottle jellyfish: Ukuba ufunyenwe lulwamvila, hlamba uphondwana oluthambileyo lokubamba ngamanzi, okanye uluxobule ngeminwe. Faka le ndawo ihlatywe lulwamvila emanzini ashushu kangangemizuzu enga-20. Ukuba akunawo amanzi ashushu, sebenzisa ingqimba yamaqhekeza omkhenkce. Musa ukuhlikihla ngesanti, musa ukugalela isiselo esibandayo okanye uchamele le ndawo ihlatyiweyo - ezi zinto azisoze zikuncede.

6. Umsinga onamandla: Indawo enomsinga onamandla uyibona ngobunzulu apho ufika amanzi emnyama kungekho namaza amaninzi aphahlazekayo, ngelinye ixesha kubekho amanzi aphume ibala ngokudungwa ngumhlaba. Ukuba uzifumana ugaxeleke kule ndawo, zola, uphakamisele isandla sakho emoyeni ukuze ubonakale ukuba udinga uncedo. Ngeli xesha hambisa nomsinga ngokudada phezu kwamanzi, le misinga ingaqukuqela yenze isangqa, ikutyekezele kwaseluxwemeni. Okanye wuphephe lo msinga ngokuthi udade ngendlela enxusana nolwandle, kwicala lamaza aphahlazekayo. Musa ukuzibhinyalaza kwindawo enomsinga kungenjalo uza kudinwa.

7. Ukutshiswa lilanga: Thambisa isinqandi-langa kwimizuzu eli-15 phambi kokuba udibane nelanga. Emva koko thambisa ngokuphindaphindiweyo, ngakumbi emva kokuqubha emanzini. Nxiba ihempe nomnqwazi welanga, wongezelele ukhuseleko lwakho.Ukuba ufumene wagqatswa kakhulu lilanga sela izongezelelo zezakha mzimba ezibumanzi ukuze ungafunyanwa kukoma. Ukuba ugqatswe ngendlela enobungozi njengokuba uphume amadyungudyungu ze ubenobucaphucaphu, bonana nogqirha.

8. Ubushushu obuphelelisa amandla: Abantu abathanda unxweme ngakumbi ulutsha nabantu abasele bekhulile bakholisa ukuba nayo le ngxaki yobushushu obuphelisa amandla. Ukuvocavoca umzimba nokungawaseli amanzi zizinto ezingunobangela wokutyhafa, isicaphucaphu, umkhupho nesizunguzane. Ukuze zinyangeke ezi zinto, yeka nantoni oyenzayo uhlale kwindawo enomthunzi ukuze uphelise ukoma ngokusela amanzi neziselo zamathanda-mdlalo. Kwimeko yokuxakeka nobungxamo tsalela linkonzo zeThuba likaxakeka umnxeba ngokuthi usebenzise ezi nombolo zilandelayo: 000.

Lumka ungafunyanwa bubushushu obuphelisa amandla xa uselwandle ngokuthi usele amanzi nokuhlala emthunzini.

9. Utywala abuvumelekanga: Ungaze ungene elwandle emva kokuba ugqiba nje ukufumana isidlo okanye ube uphantsi kweempembelelo yotywala neziyobisi. Utywala namanzi zizinto ezingahambelaniyo. Ngexesha leeholide zehlobo kuza kutyalwa abagcini bokhuseleko (izatyhurithi) namapolisa ngobuninzi bawo ukuqinisekisa ukuba bonke abantu bakhuselekile. Abo baza kuthi bafunyanwe besela kwiindawo ezichazwe kwathiwa utywala abufuneki kuzo baza kubethwa ngomdliwo.

Uphando ngoMmandla wabahlali abaza kuhlawula uMrhumo oKhetheke ngokukodwa e-Onrus naseVermont Indawo yaseVermont iphandwa yikomiti engukhala kwezi ngxoxo neyenziwa ngamalungu angabameli beneighbourhood watch, umbutho wabahlawuli-mrhumo, iforamu yasechwebeni namanye amaqela.

Yintoni i- SRA?

Lo mmandla wabahlali abaza kuhlawula umrhumo okhetheke ngokukodwa ngumzekelo wenkqubo ehlonitshwa ngamazwe ehlabathi. Ijolise ekunqandeni ukuba iidolophu zijike zibe yimijondolo, kwabamb'ezakhe apho ukhawulelwa livumba elirhaxayo lemfucumfucu enokudala izifo. Ngoko ke iququzelela ukuphakanyiswa komgangatho, ukukhula koqoqosho nophuhliso olugcinakalayo. Le mimmandla yabahlali abaza kuhlawula imirhumo ekhetheke ngokukodwa inako ukuba ingancedisana nomasipala ukuba afezekise izibhambathiso ezikumgaqosiseko zokuba avumele abanini-propati kummandla othile ngokwejografi ukuba baphakamise umgangatho weepropati zabo kwimimmandla abahlala kuyo.

I-SRA isebenza ngokuncediswa ngumasipala othi afake uchatha kumrhumo okutshwa ngamalungu endawo ekhethiweyo, nawaza kuqhubeka ahlawule inkampani engajonge ukwenza inzuzo (i-NPC) ukuze igcine umgangatho we (i-SRA) wommandla wabahlali abaza kuhlawula umrhumo okhetheke ngokukodwa ukwixabiso eliphezulu.

Ingcinga ephambili yeyokuba iqela labanini-propati kummandla okhethiweyo linokudibana lixoxe ngeenkonzo eziqhwalelayo nokhuseleko oluwoko-woko, bafikelele kwisigqibo sokuba bazifunele isisombululo ezi ngxaki. Xa befikelele kweso sigqibo banokwenza isicelo sokuba umasipala afakele uchatha kumrhumo wabo onokuhlawulwa ngabanini-propati abakulo mmandla kuphela.

I-SRA incedisa ekuqiniseni intsebenziswano phakathi komasipala kunye nabahlali ukuze kulo mmandla kuphilwe ngendlela ephucukileyo.

Eminye imiba ephathelene neSRA ecetywayo ixoxiwe kwintlanganiso yekomiti ka wadi 13 ebe ibanjwe kutsha nje eOnrus. Ukuza kuthi ga ngoku le nkqubo ihambe kakuhle njengoko ipolisi nomthetho-ngqangi uchaza malunga nokusekwa kwe-SRA.

Le yinkqubo ekufuneka ilandelwe (kungoku nje igqibezela inyathelo lesi-4):

Inyathelo lokuqala:

1. Ikomiti engukhala iyaqulunqwa ekuhlaleni.
2. Ikomiti engukhala inentlanganiso neCFO kaMasipala ehamba neSebe lezoMthetho ukuze kuxoxwe ngendima yeSRA.
3. Le komiti yenza amaxwebhu ovavanyo-zimvo eziquka iMemo yeeNjongo eziphambili, Uxwebhu loCweyo kwezoShishino, njl.njl. ukubonisa umasipala oko kunokuthi kwenzeke.
4. Ikomiti engukhala yenza uxwebhu lwemibuzo eliza kujikeleziswa ebantwini nelifuna ukuba baphendule ukuba baziva njani phantsi kweemeko abaphila kuzo ekuhlaleni.
5. Emva kokuba lugqityiwe uhlahlelo lweziphumo zophando ikomiti idibana nomasipala kwakhona, ze umasipala athelekise ixabiso elibekiweyo kuxwebhu ukuze bazigqibele bona bengumasipala ukuba lithini ixabiso lomrhumo abacinga ukuba liza kufikeleleka ebantwini.

Isiqalo ngokusesikweni:

6. Intlanganiso yoluntu ilindelekile ukuze abahlali bakhanyiselwe ngendima esele ihanjiwe kule nkqubo nezivumelwano ezityikityiweyo.
7. Ikomiti engukhala ifaka isicelo ngokusesikweni ngokuthi ithumele uxwebhu lwendlela eceba ukuhamba ngayo kunye nawo onke amanye amaxwebhu afunekayo.
8. Iintlanganiso zoluntu ziyongezeleka, nezinye izinto. Iintlanganiso ziyabizwa ukuqinisekisa ukuba bonke abantu banolwazi ngokuqhubekayo kwaye bafumana ithuba lokuba babenegalelo kwanokuba babe ngaphesheya kwizigqibo ekufikelelwa kuzo.
9. Ukhetho olungeyo mfihlo luyaqhubeka apho kufuneka ama-60% + 1 abanini-propati kwindawo ekhethiweyo. Kufuneka bavotele ukuba i-SRA yamkeleke.
10. Emva koko iBhunga likaMasipala lifaka ezalo iivoti kule SRA ifunwayo.

Iminqweno iyazalisekiswa:

11. Inkampani engajonge nzuzo (i-NPC) iyasekwa ekuhlaleni nesigqeba esilawulayo sonyulwa ngabahlali.
12. Umrhumo orhafiswa ngokongezelelweyo uza kusebenza iminyaka emihlanu kwaye uza kuhlawulwa kwinkanpani ebizwa ngokuba yi-NPC ukuze izise ezi nkonzo kuvunyelwene ngazo.
13. Le nkampani inako ukonyula abantu ukuba bahambise ezi nkonzo okanye yenze ithenda eza kunikwa inkampani enobuchule bokuwenza lo msebenzi ukuba ihambise ezi nkonzo.
14. Le nkampani ingajone nzuzo (iNPC) kufuneka inike ingxelo, iphendule ngezenzo zayo kubahlali nakumasipala.
15. Xa kubonakala kuyimfuneko le projekthi inganikwa ixesha elongezelelweyo emva kokuba isicelo esikhatshwa zizathu ezivuthiweyo siye samkeleka kumasipala.

Umntu onemibuzo malunga neSRA ecetywayo makaqhagamshelane nekomiti engukhala ngale imeyili: onrus.vermont.sra@gmail.com

Iinombolo zeThuba lokuxakeka:

I-Control Room yeThuba lokuxakeka Iiyure-24	028 313 8111
IZiko leziCimamlilo noHlangulo	028 313 8980
IZiko lokuGunyazisa uMthetho	028 313 8111
Inqwelo yezigulane	10177
IZiko likaZwelonke loHlangulo eLwandle	028 312 3180
ABaphathi kuLawulo loLwandle noNxweme	028 313 2703
ISibhedlele sePhondo eHermanus	028 313 5200
ISibhedlele saBucala saseHermanus	028 313 0168
IZiko leNtlalontle yaBantwana	028 313 0831
IZiko lokuKhathalelwa kweZilwanyana	028 312 1281
ISitishi saMapolisa eHermanus	028 313 5300
ISitishi saMapolisa eGansbaai	028 384 0201
ISitishi saMapolisa eStanford	028 341 0601
ISitishi saMapolisa eKleinmond	028 271 8200

Ibhungana likaMasipala waseOverstrand ebe lonyulwe ukuba lixhuzule imikhala kunyaka **ka-2017/18** Ju lingeniswe ngokusesikweni.

Ababoniswa bebhiyozela ukuqeqeshwa emsebenzini liBhungana likaMasipala waseOverstrand (i-JTC) kunyaka ka2017/18 kunye noSodolophu uRudolph Smith (ngowe-2 kwisandla sasekhohlo kumqolo woku-1), uAnton Coetsee onguSomlomo(ngowoku-1 kumqolo ongaphambili), kunye noDudley Coetzee onguSekela-Sodolophu weSigqeba (ngowesi-3 kumqolo ongaphambili). Kwalapha kulo mqolo ungaphambili kukho uTumelo Mohaka waseQhayiya Secondary School onyulwe njengoSodolophu weBhungana (usembindini, ubhijele isikhafu esimfusa), kunye nooSekela Sodolophu bakhe u-Odi Chadinha wase Hermanus High noLorenzo Geldenhuys weseGansbaai Academia. UMphathi weJTC, u-Unity Mtomile (ngowoku-1 kwisandla sasekhohlo kumqolo wesibini) weEnlighten Education Trust wayelapha naye ngeli xesha lemincili namaye-ye-ye.

NgoLwesine umhla we-19 kuOktobha 2017, i-Overstrand yafumana ithuba lokuba yazise iBhungana likaMasipala (i-JTC), elonyulwe ukuba lixhuzule imikhala ngo-2017/18, kumsitho wokulingenisa elulawulweni nowawubanjelwe kwi-Auditoriyam kamasipala eHermanus.

Kungoku nje eli bhungana likumjikelo we-14, ongenelelwa kukonyulwa kwamalungu angama-35 ebhungana likamasipala elenziwa ngabafundi baka greyidi10-12 abakhethwe kwizikolo ezi-6 zemfundo ephakamileyo kulo mmandla. Bathabathe iintambo phantsi kobugosa bukaTumelo Mohaka waseQhayiya Secondary School onguSodolophu weBhungana. AmaSekela-Sodolophu amabini aza kusebenza naye nguOdi Chachinha waseHermanus High noLorenzo Geldenhuys waseGansbaai Academia.

Eli phulo liqhutywa yi-Enlighten Education Trust ngokubambisana noMasipala waseOverstrand linika amalungu ebhungana likamasipala ithuba lokuba abonise izakhono zawo zokuba ziinkokheli, ngeli xesha aqhelana nemiba engemicimbi yoluntu, ukulawulwa kwenkqubo zamasebe karhulumente wasekhaya, konke oku kujolise ekuphuculeni umgangatho ekuphilwa kuwo ngabahlali kunye nokuSingqongileyo.

Kwintetho ayenze emva kokuba ebekwe ngokusesikweni, uSodolophu weBhungana, uTumelo Mohaka wathetha into eyabanempembelelo enkulu, ethi: "Ndiza kusebenzisana nooceba bam kumasipala webhungana size namacebo neendlela esinokuthi sizisebenzise ekuphuculeni intlalo yabantu bethu. Njengabantu abatsha eMzantsi Afrika singadlala indima ebalulekileyo kuphuhliso lwelizwe lethu kwaye sisethubeni elihle apha ukuba sibe ngabathunywa abaza kubuya benze inguqu. Masiwusebenzise ngempumelelo lo nyaka siwusikelweyo ukuba sixhuzule imikhala, kubonakale utshintsho."

Kwintetho ayibhekise kwiBhungana likaMasipala ebe lisonyulwa kutsha nje uRudolph Smith onguSodolophu weSigqeba eOverstrand wathi, amazwi kaMohaka avakalisa nkcakasana iinjongo zethu njengoko egxila ekuphuhliseni ulutsha ngezakhono. "Nangaliphi na ixesha xa ndiphakathi kwabantu abatsha njengani, ndiyakhuthazeka ludlamko, amadla, kwanezinto ezinokwenziwa ngempumelelo. Phakathi kwenu kunokwenzeka ukuthi kanti kukho uSodolophu wexesha elizayo, intloko kumzimveliso, inqununu, okanye inkokheli kulo naliphi na icandelo onokuzikhethela. Ndiyithetha le nto ndiqinisekile njengoko ndikholelwa ekubeni ngaphakathi kuni apha kukho amandla adalelwe ukuba nenze izinto ezinkulu," wakhuthaza watsho uSmith onguSodolophu kaMasipala.

Njengenxalenye yezinto ezazilungiselwe ukonwabisa abantu ngobu busuku kwaculwa ingoma kaEd Sheeran ethi 'Photograph' nguMatthew Smith noJordan Linehanby baseHermanus High School. Emva koko kwalandela umbongo odlwengula umxhelo owashiya abantu nomphako wokuba bahlale bahlale bawetyise, isihloko sawo sasisithi "Ukuba kwakuthe kanti" usenziwa ngumqambi wawo, uNatasha Makholwana waseQhayiya Secondary School. Eyayingasoze ingaculwa ingoma yechukumisa entliziyweni u-'You Raise Me Up' isenziwa nguNonqaba Futshane, naye ongowaseQhayiya Secondary, loo nto yabangela ukuba abantu benze intlokomo echaza imvakalelo.

Lo msitho waqukunjelwa ngendlela enomfaneleko ngokuthi uNonqaba akhokele abaphulaphuli ngoMhobe weSizwe emva kokuba u-Unity Mtomile onguMphathi kuMasipala weBhungana (i-JTC) ethe wenza umbulelo awubhekise kuMasipala, kwi-Enlighten Education Trust, kuluntu nabo bonke abaxhasi abahlala benika uncedo olufunekayo ukuze le nkqubo yokuvelisa iinkokheli zangomso ingapheli.

UKUVALWA KWEE-OFISI NGEXESHA LEHOLIDE

Ii-OFISI zikaMasipala kummandla waseOverstrand ukuquka namathala eencwadi ziza kuvala ukususela ngentsimbi yoku-1emva kwemini ngoLwesihlanu umhla wama-22 kuDisemba 2017 nangoLwesihlanu umhla wama-29 kuDisemba 2017 ngokunjalo ziza kuvulwa kwakhona ngeye-07:45 ngoLwesithathu umhla wama-27 kuDisemba 2017 nangoLwesithathu, umhla wesi-3 kuJanwari 2018. Kodwa ke, iinkonzo ezingundoqo ngala maxesha achaziweyo ziza kuhanjiswa njengesiqhelo. Khumbula ukuba ii-akhawunti zika masipala ziyahlawuleka ngenkqubo Easy Pay@ system okudederhu lweevenkile eziliqela nasePosini. Ngethuba lokuxakeka phantsi kwayo nayiphi na imeko tsalela iControl Room yethu esebenza ama-24 eeyure ngale nombolo 028 313 8111.

IQONDO LOKU-1
UKUCUTHELWA IMFUNEKO YESIQHELO YAMANZI

Umthetho wokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi uza kusetyenziswa kummandla weGreater Hermanus ukususela ngomhla woku-1 kuNovemba 2017. Imithombo yamanzi kweminye immimandla kamasipala isekumaqondo amkelekileyo, kodwa iza kubekwa esweni.

Ubuninzi bemvula eHermanus ngo-2017 ukuza ekupheleni kukaSeptemba ibe ingama-398 mm kuphela, xa kuthelekiswa ne-avareji yama-620mm emvula enetha ixesha elide ngonyaka.

Iqondo lamanzi kwiDe Bos Dam kungoku nje ngama-66.7% omthamo walo, xa kuthelekiswa nama-98% ngeli xesha kunyaka ophelileyo. I-De Bos Dam ngowona mthombo kuthenjelwe kuwo kummandla waseHermanus, ngaphandle nje kokuba kusekho inkxaso emandla evela kwizitsala-manzi phantsi komhlaba zika masipala. Ngoko ke, kwafikelwa kwisigqibo sokuba kusetyenziswe umthetho wokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi okwiqondo loku-1, ukususela ngomhla woku-1 kuNovemba 2017, ukunciphisa ukufuneka ngamandla kwamanzi ngexesha leenyanga ezifudumeleyo zehlobo nokwenza amalungiselelo okukhawulelana nengxaki enje yokunqaba kwemvula kubusika obulandelayo ngo-2018.

NgokwePolisi yoMrhumo eOverstrand, umrhumo wamanzi uza kunyuka ufikelele kwiqondo loku-1 lokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi xa iqondo lamanzi kwiDe Bos Dam linokuba ngaphantsi kwama-40%. Ngokulondoloza amanzi nangokuthobela umthetho wokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi, abasebenzisi banganegalelo ekumiseni lo mrhumo unganyuswa okanye bayilibazise le mfuneko.

Umthetho wokucuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi uhamba ngolu hlobo lulandelayo kwaye uchaphazela bonke basebenzisi:

- Akukho mntu uya kuthi ankcenkceshele igadi, amabala okudlala, iipaki, okanye nayiphi eminye imimandla enengca esebenzisa amanzi okusela. Kanti ke inyoba ikho, unokuwasebenzisa phantsi kwezi meko:
  - Unokuwasebenzisa angadluli kwiyure enye ngosuku, phambi ko-09:00am okanye emva ko-17:00pm, iintsuku zibe mbini ngeveki.
  - Izindlu ezinombolo zazo zibala ngeMiqakathi kufuneka zisebenzise amanzi ngolu hlobo ngoLwesibini nangoMgqibelo KUPHELA.
- Umbhobho wokunkcenkceshela osetyenziselwa ukuhlamba imoto nesikhephe mawufakwe isixhobo esizilawulayo esizivala ngokwaso.
- Akuvumelekanga ukuhlamba amabala esamente okanye iipavumente ngamanzi okusela.

Izinto ezivumelekayo

- Ukunkcenkceshela kwindawo ethengisa izityalo ngeenjongo zokushishina kuvumelekile.
- Ukuba iklayenti isebenzisa nawuphi umthombo, indawo yomthombo, isitsala-manzi ngaphantsi komhlaba kunye nendawo egrunjiweyo kwisakhiwo nomhlaba wakhe kufuneka axhome uphawu loko kwindawo ebonakalayo kwipropati.

IMirhumo yaManzi

IMirhumo yaManzi isebenza ngokungqamene nePolisi yoMrhumo kaMasipala waseOverstrand othi, imirhumo yamanzi iza kunyuswa ifikelele kwiNqanaba loku-1 lezithintelo xa iqondo lamanzi kwiDe Bos Dam linokuhla de lifike kuma-40%.

Izicelo zokufumana imfuneko yesiqhelo yamanzi

Iiklayenti ezifuna ukufaka isicelo sokungacuthelwa imfuneko yesiqhelo yamanzi zingabhalela kwiSekela-mlawuli: IiNkozo zoBunjineli noCwangciso, ngokuthumela ileta exhasayo ngale imeyili ilandelayo ku: depdircomsec@overstrand.gov.za, okanye ngeposi kwi:

depdircomsec@overstrand.gov.za, or posting it to:
Deputy Director: Engineering Planning
Overstrand Municipality
PO Box 20
Hermanus
7200

Izikhalazo mazithunyelwe ku-A.Bayley kule nombolo. 028-313 8972 okanye ngale imeyili depdircomsec@overstrand.gov.za.

XELA UKULAHLWA **KWAMATYE NEZITENA EZIQHEKEKILEYO NGOKUNGEKHO MTHETHWENI**

Izenzo zokulahlwa kwamatye nezitena eziqhekekileyo ngokungekho mthethweni kwiipaki namabala oluntu zithande ukuxhaphaka. Le nto yenzeka nakubeni uMasipala waseOverstrand enawo amaziko okugalela inkunkuma neetipu apho amatye nezitena eziqhekekileyo anokulahlwa khona. Indawo nganye inamaziko asondelene nayo kodwa abantu basuka bakhethe ukulahla amatye nezitena eziqhekekileyo kwiipaki namabala oluntu abadibana nawo. Akuvumelekanga ukuba uthabathe amatye nezitena eziqhekekileyo uzise kwiindawo ezihlala abantu kuba usithi le nto ayinanto yokwenza nawe qha wena uqeshiwe. I-Overstrand ixhalabile zezi zenzo zingekho mthethweni kwaye ayisayi kuthandabuza ukuthathela amanyathelo omthetho abo bayakuthi bafunyanwe besenza lo mkhuba. Ungawalahla amatye nezitena eziqhekekileyo ukuba awaxubenanga nezinye izinto ezimdaka, kangangokuba akusayi kuhlawuliswa. Amaqhekeza amatye asetyenziswa ekugqumelelni inkunkuma kwindawo elahlwa kuyo. Uya kuhlawuliswa ngetoni nganye yamatye nezitena eziqhekekileyo ukuba kunokuthi kanti adibene nezinye izinto ezimdaka.

Abantu basekuhlaleni bayacelwa ukuba batsalele i-control room esebenza ubusuku nemini ngoko nangoko xa bebona umntu elahla amatye nezitena eziqhekekileyo ngokungekho mthethweni kule nombolo (**Inombolo yefoni: 028 313 8111).**

Ingxaki edalwa kukulahlwa kwamatye nezitena eziqhekekileyo

Ukulahlwa kwamatye nezitena eziqhekekileyo ngokungekho mthethweni kutshabalalisa ubuhle bembonakalo-mhlaba kosingqongileyo, ubomi bezityalo nezilwanyana, kwaye kungadala ungcoliseko lomhlaba nemithombo yamanzi anqabileyo. Kuthoba ixabiso lepropati nto leyo eyenza ukuba abathengi bezindlu bahambele kude, ngaxeshanye ezi zenzo zithoba isidima sabantu abahlala kule ndawo.

Ngelinye ixesha izinto ezinobungozi, umz. amachiza, i-asbestos, izinto ezibukhali njl. njl. ziyalahlwa, zinokubangela ukuba abantu bokuhlala bafumane ingozi nokwenzakala.

Enye into, kuye kufuneke ukuba umasipala makachithe imali eninzi esusa le nkunkuma ilahlwe ngokungekho mthethweni, mali leyo enge isetyenziswe kwezinye izinto ezibalulekileyo.

La maziko alandelayo afumaneka kwii-ofisi zolawulo ezi-4:

I-ofisi yoLawulo eseKleinmond:

- Inkunkuma yasekhaya ilahlwa ePringle Bay ngempela veki;
- Inkunkuma yasekhaya ilahlwa eBetty's Bay ngempela veki;
- Inkunkuma, nengca ilahlwa eBetty's Bay; kunye nase
- Kleinmond Transfer Station inkunkuma yasekhaya nezinye izinto ndawonye nengca ilahlwa khona. Amatye nezitena eziqhekekileyo abunzima bulingana netoni nawo alahlwa apha.
- Kwindawo yenkunkuma eKarwyderskraal amatye nezitena eziqhekekileyo abunzima bungaphezulu kwetoni alahlwa apha.

I-ofisi yoLawulo eseHermanus:

- Inkunkuma nengca ilahlwa eHawston;
- Inkunkuma yasekhaya nezinye izinto ndawonye nengca zilahlwa apha. Amaqhekezana amatye abunzima bulingana netoni nawo alahlwa apha eHermanus Transfer Station.
- Inkunkuma yasekhaya ilahlwa eVoëlklip;
- kwanengca ilahlwa eVoëlklip.
- Amaqhekezana amatye abunzima bulingana netoni nawo alahlwa eKarwyderskraal.

I-ofisi yoLawlo eseStanford:

- Inkunkuma yasekhaya, ingca, amatye nezitena eziqhekekileyo abunzima bulingana netoni nawo alahlwa eStanford Transfer Station.

I-ofisi yoLawulo eseGansbaai:

- Kukho indawo yokulahla amatye nezitena eziqhekekileyo, inkunkuma nengca eGansbaai; ze
- kubekho indawo yokulahla inkunkuma yasekhaya, ingca amatye nezitena eziqhekekileyo abunzima bulingana netoni ePearly Beach.

UMasipala waseOverstrand akasayi kuzinyamezela naziphi na izenzo zolwaphulomthetho. Abalahla inkunkuma ngaphandle kwemvume bayakujongana nezohlwayo eziqatha.

Emfanekisweni ngexesha lokumiselwa ngokusesikweni kweBags-of-Love Campaign ka-2017 kwi-ofisi kaSodolophu weSigqeba eOverstrand u-Ald Rudolph ngaba balandelayo: (ukususela kwisandla sasekhohlo kuse kwesasekune) nguChristopher van Niekerk onguMphathi wakwaSpar Eastcliff nomninishishini uBern van Niekerk, nguElnora Gillion, uVincent de Paul's, uTerry McCarthy noDes Collins abangooCeba.

ABANTU ABASWELEYO BAZISELWE IKRISMESI PHAMBI KWEXESHA LIPHULO I **BAGS-OF-LOVE**

NgoLwesibini umhla **wama-31 kuOktobha 2017** i-Bags-of-Love Campaign yaliqala kakuhle iphulo ngokuthi abona baxhasi bayo bakhulu baqokelelane kwi-ofisi kaSodolophu weSigqeba u-Ald Rudolph Smith nowayenikele ngesisa inkxaso yakhe ngokuthi abe liGosa layo.

Ngoku likunyaka walo we-10 eli phulo, imizamo ijolise ekuhambiseni iingxowa zezinto ezityiwayo ezingundoqo kwezona ntsapho zisokola kakhulu kulo mmandla. Le nkqubo iqhutywa yiHermanus Conference of Saint Vincent de Paul kunjalo nje sele ifumene inkxaso kwimibutho emikhulu ekumazwe akude njengoRotary, iimvaba ezahlukeneyo, uEastcliff Spar kunye nentlaninge yabaxhasi. Umdla uye wakhula ngokuhamba kweminyaka wafikelela kwisithuba apho iingxowa ezili-1000 zaye zahanjiswa kula makhaya ngexesha lephulo lowama-2016. Kulo nyaka abaqquqzeleli balangazelela ukulinyusa inani leengxowa ezinokuhanjiswa kwaye babongoze kuluntu, amashishini, iicawe namaqela avakalelwayo leli khwelo ukuba banikele ngesisa kweli phulo lihlonipheke kangaka. Xa kwakumiselwa ngokusesikweni eli phulo, uCeba Gillion wathi, "Ndiza kunikela ngesisa iingxowa zibe- 2, kwaye ndicela umngeni kooceba endisebenza nabo, kunye namagosa aseOverstrand ukuba enze ngcono kunokuba ndenzile. Ndikwaphosa amazwi enkuthazo kubo bonke abanako ukuphosa esivivaneneni ukuba banike inkxaso ngayo nayiphi na indlela abanokwenza ngayo. Ngolu hlobo singakhawulelana neemfuno zamakhaya amaninzi asokolayo kangangokuba ndiyathemba ukuba iKrismesi yalo nyaka iza kwahluka kwezinye kubo."

Ezi ngxowa zenziwa ngemali exabisa i-R165-00 kwaye abaxhasi bangamcela umntu osethilini ukuba ayibethe kumthengi ongumxhasi le mali ngexesha abhatala ezakhe izinto eEastcliff Spar Hermanus. Kungenjalo, umnikelo oyimali ungafakwa ngqo kule akhawunti ilandelayo - iinkcukacha: **Account name SVP-Bags of Love, ABSA Bank, Hermanus Branch, Account number 925 114 2278.** Yonke imali engenileyo iza kusetyenziselwa ukwenza iingxowa eziza kuhanjiswa ngabakwaSaint Vincent de Paul kwabo basweleyo ekuhlaleni.

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngeli phulo, qhagamshelana nabasezikhundleni kwiinombolo zabo zomnxeba, umz. ekaTerry McCarthy ithi(083 255 8614), ekaDes Collins ithi (082 824 1058) ze ekaBruce Fraser ithi(083 270 3230).